
# UPalesa uzifumanele umhlobo



ngu Pandora Alberts

# U-Obo Usengxakini


UPalesa wayehlala nomama wakhe namawele akowabo angamakhwenkwe, UTshepo noTshepang. Ummelwane wabo yayingumama uMalusi. Wayenenja enombala omdaka esoloko ikhangeleka ngathi ayonwabanga. Igama lale nja yayingu-Obo. U-Obo wayesoloko ebotshelelwe egadini. Isitya sakhe sasisoloko somile singenamanzi. Wayebulawa lunxano imini yonke ingakumbi ngeemini ezishushu.

Umama wooPalesa wayesebenza kude nekhaya lakhe esoloko ebashiya abantwana bodwa. U-Obo wayemthanda kakhulu uPalesa. UPalesa wayethanda ukumncokolisa xa embona enesithukuthezi. Ngamanye amaxesha ebempha iqhekezana kumphako wakhe wesikolo.



Le nja yayibhityile isoloko ilambile. Umama uMalusi wayengayondli inja yakhe. Ebesithi xa ecingile amphosele isigaqana somphokoqo phantsi emhlabeni ukuze atye. Ngenye imini uPalesa wathi xa ebuya esikolweni namawele akowabo wabona umbono ombi. Inkwenkwe endala engalunganga yayimxuluba ngamatye u-Obo. U-Obo wayekhonkotha exhuma-xhuma. Wakhala kalusizi u-Obo esakubethwa ngelitye entloko yilenkwenkwe egezayo. Wacaphuka kakhulu uPalesa. Wabaleka wafika wayityhala yayakuwa phantsi loo nkwenkwe. Wahlekwa ngumntu wonke esitalatweni kuba wayephoxekile, ethe bhaxa eludakeni.

"Hamba apha, wahlukane nale nja," wakhwaza watsho uPalesa. Yaphakama inkwenkwe yazivuthulula yahamba, kodwa yamtyi-tyimbisela umnwe uPalesa.




“Ndiza kukwenzela inkathazo”, yatsho itsale ubuso bayo obubi lenkwenkwe. Yamenza woyika uPalesa kodwa akazibonakalisa. Wathatha amawele akowabo wagoduka nawo kuba ayelila. Ngethamsanqa umama wayekho ekhaya ebalindele. “Uze uyilumkele laa nkwenkwe yenza izinto ezingalunganga,” watsho umama wakhe.

## Isikhukula esibi

Kwabakho isikhukula esibi kakhulu ngobo busuku. UPalesa wayelele kamnandi phakathi koTshepo noTshepang.


Wayephulaphule iindudumo zigqekreza. Ukutshawuza kombane kwabetha endlwini kwaba ngathi kuluhlaza, kwaye akwaqheleka. Emva koko kwalandela izandyondyo zemvula de kwangathi kubethwa izandla phezu kwendlu.



“Owu! ndinethamsanqa kuba ndishushu, ndomile kwaye ndikhuselekile,” wacinga njalo uPalesa. Weva u-Obo ekhonkotha phandle emvuleni. Wayothukile futhi ego-dola. Angamnceda njani? Kwakusanetha nakusasa.

Ngaphandle amawele ayefuna ukudyumpuza edakeni. Kwafuneka uPalesa awatsale agqithe endlini kamama uMalusi. Umama uMalusi wayeseyadini. Wayebetha u-Obo ngentonga, kwaye wayekhala.

“Njandini engamameliyo!” Waziva esibanomsindo uPalesa, kodwa wayengakwazi ukunyamezela ebona u-Obo ebethwa. “Pheza, pheza!” wakhwaza. “Ukuba uyithanda kangaka lenja, kungcono uyithathe. Andisayifuni!”



Umama uMalusi watyhilizela u-Obo ngakuPalesa. U-Obo wajonga uPalesa ngamehlo akhe amdaka ejiwuzisa umsila. Wayekhangeleka ngathi uncumile. UPalesa naye wamncumela u-Obo emphulula.

## U-Obo ufumana ikhaya elitsha

“Yinja enkulu le. Uza kutya ukutya okuninzi. Uzakulala phi khona?” Watsho umama ebukhathazeka. Ndiza kusebenza evenkileni katata uHlongwane ngemigqibelo ukuze ndincedise ekuthengeni ukutya kwayo. Watsho uPalesa. “Angalala ngalaa ngubo iluhlaza ecaleni kwebhedi yethu. Ndiyacela torho mama,”watsho uPalesa esebeza.



Wancuma umama. “Phofu bendingayithandi indlela u-Obo ebephatheke ngayo,” watsho. “Kulungile ungamgcina kodwa uze wazi ukuba uluxanduva lwakho.”

Wavuya kakhulu uPalesa waxakwa nakukuzibamba. Watsi-batsiba luvuyo esiya esikolweni. Wathi akufika ekhaya wabe umama epheke kamnandi no-Obo seletye ukutya okumnandi.

U-Obo wayeme emnyango. Wathi akubona uPalesa wa-baleka waya kuye wafika wamncamisa izandla.

“Ndiza kusebenza kude kube sebusuku namhlanje,” watsho unina kaPalesa. “Uze ubajonge kakuhle ooTshepo noTshepang. Nihlale ngaphakathi endlwini xa kuqala ukurhatyela ukuze nikhuseleke, ningaluvuli ucango de nive ilizwi lam.”

Wathembisa uPalesa ukuba uyakwenza njengoko unina etshilo.

Waqinisekisa ukuba amawele atyile futhi ahlanjiwe. Emva koko wahlala wenza umsebenzi wakhe wesikolo okomzuzwana. Akugqiba babukela umabonakude.

U-Obo wayehleli ecaleni kwakhe. Ngalo lonke elo xesha uPalesa wayemana emphulula emtsala nangendlebe emdlalisa.



“Uza kuba yinja entle Obo” watsho uPalesa.

Umsila wakhe wawushukuma. Kwathi kwakuba mnyama watshixa umnyango walalisa amawele. Wayengoyiki. Umama wakhe wayephangela ebusuku ngamanye amaxesha.

Waye kwazi ukuzenza zonke ezi zinto. Wathi emva kwexesha wakhwela ebhedini walala ecaleni kwamawele.

U-Obo wazisonga naye ecaleni kwebhedi ngengubo yakhe eluhlaza.

## U-Obo usindisa usapho lwakhe olutsha

Emzuzwini lwakhatywa ucango lwavuleka neqhaga lophulwa. Kwathi gqi laa nkwenkwe ingalunganga yayifungele uPalesa. Wayefile kukoyika uPalesa.

“Ndiza kukufundisa isifundo.” Latsho elogeza lenkwenkwe. Wathi xa evula umlomo uPalesa eza kukhala, suka watsiba u-Obo wonda ngenkwenkwe leyo egragrama ngathi yingonyama. Yathi yakumbona inkwenkwe le yaphethuka ibaleka, kodwa wayesele efikile u-Obo. Wamkrazulela ibhulukwe wamluma kanobom emlenzeni ngaloo mazinyo akhe makhulu namhlophe.

Yakhala lenkwenkwe ibaleka, isikhalo sayo sasivakala ezindlebeni zikaPalesa nangona yayisele isendleleni.



U-Obo wayehleli kuyo ezithendeni. Isikhalo saya sisihla ngokuhla de asavakala.

Kwathi ethubeni wafika u-Obo sele ejiwuzisa umsila wakhe enoncumo ebusweni bakhe. Amawele ayelele cum akazange ayive tu! loo ngxolo. UPalesa watyhala isitulo wavala ngaso ucango engcangcazela kukoyika. Waguqa ngamadolo phambi ko-Obo wamgona.

“Ndiyabulela Obo,” watsho uPalesa esebeza. Ngoku sakuhlala sincedana sobabini ukuze sikhuseleke ngamaxesha onke.” U-Obo wamkhotha uPalesa akugqiba walala engubeni yakhe eluhlaza ebonakala onwabile.

Wayefumene uthando nekhaya elinobushushu.



